URhulumente weNtshona Koloni

EzeMfundo

ICandelo loLawulo lweMicimbi yezeMali

Isalathiso: 20190207-1382
Inombolo yefayili: 12/2/8/12
Imibuzo: LB Shasha

ISetyhula: 0007/2019
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli abaziiNtloko, kwiiNqununu zeZikolo nakooSihlalo bamabhunga olawulo ezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nakwiihostele (kungabandakanywanga zikholeji zemfundo)

Isishwankathelo esifutshane: Ukunyuswa kwezixa-mali ezihlawulelwa ukubhoda, ezothutho, iibhasari zokubhoda kwiindawo zabucala neenkxaso-mali zabasebenzi kwiihostele nasezikolweni

Isihloko: Ukunyuswa kwezixa-mali ezihlawulelwa ukubhoda, ezothutho, iibhasari zokubhoda kwiindawo zabucala neenkxaso-mali zabasebenzi kwiihostele nasezikolweni

1. Kuvunyiwe ukunyuswa kwezi bhasari zilandelayo ukususela nge-**01 Apreli 2019**:

1.1 Ezona ntlawulo ziphezulu zeebhasari zokubhoda ezihlawulwa abafundi abasweleyo kwiihostele zezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo zinyusiwe ukusuka kwi-R8 974,00 ukuya kwi-R9 460,00 ngomfundi ngamnye ngonyaka.

1.2 Ezona ntlawulo ziphezulu zeebhasari zokubhoda kwiindawo zabucala neebhasari zezothutho ezihlawulwa kubafundi abasweleyo kwezi Zithili zeMfundo, i*West Coast, Cape Winelands, Eden & Central Karoo* kunye ne-*Overberg,* zinyusiwe ukusuka kwi-R2 040,00 ukuya kwi- R2 220,00 ngomfundi ngamnye ngonyaka.

1.3 Okubaluleke gqitha – Zonke ezi bhasari zingentla zibalwa ngokungqinelana novavanyo oluvunyiweyo (makufundwe iNgcaciso eMfutshane ye-IMGP 001/2018) neekhrayitheriya ezibhalwe kwiSetyhula 0143/1998 yowe-06 Novemba 1998 neSetyhula 0029/2001 yowe-13 Matshi 2001.

2. Kukwavunyiwe kwakhona ukunyuswa kwezi nkxaso-mali zabasebenzi zilandelayo ukususela nge-**01 Apreli 2019:**

2.1 Inyusiwe inkxaso-mali yabasebenzi ehlawulwa kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezinenani labafundi ababhalisileyo elingaphantsi ko-201 ukwenzela

Lower Parliament Street, Cape Town, 8001
Tel: +27 21 467 2770 Fax: 086 623 37 44
Safe Schools: 0800 45 46 47

Private Bag X9114, Cape Town, 8000
Employment and salary enquiries: 0861 92 33 22
www.westerncape.gov.za

ukuqesha abasebenzi bezolawulo kunye nabeenkonzo ngokubanzi ukusuka kwi-R586,00 ukuya kwi-R620,00 ngomfundi ngamnye ngonyaka. Owona mlinganiselo osezantsi oyi-R22 150,00 uya kuhlawulwa kwisikolo.

2.2 Inkxaso-mali yabasebenzi ehlawulwa kwiihostele zezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezinenani labafundi elingaphantsi ko-50 abangamabhoda, ukwenzela ukuqeshwa kwabasebenzi bezolawulo, inyusiwe ukusuka kwi-R8 974,00 ukuya kwi-R9 460,00 ngomfundi ngamnye ngonyaka.

2.3 Inyusiwe nenkxaso-mali yabasebenzi ehlawulwa kwiihostele zeecawa okanye kwiihostele zabucala ukwenzela ukuqeshwa kwabasebenzi bezolawulo nabeenkonzo zokucoca, ukusuka kwi-R2 045,00 ukuya kwi-R2 160,00 ngomfundi ngamnye ngonyaka.

3. Kucelwa wazise okukule setyhula amalungu ebhunga lolawulo nabo bonke abantu abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-BK SCHREUDER
INTLOKO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2019-02-12